

Izinto Eziyimfuneko

# Story Power - Wazise ekhaya amandla ebali

## Indlela onokuqala ngayo: Yabelanani ngebali!

**Eyona nto ibalulekileyo onokuyenza xa ufundela abantwana kukuzonwabisa kuba xa wenza njalo, baza kufunda ukuba ukufunda yinto emnandi. Akukho zindlela zilungileyo okanye zingalunganga zokufundela abantwana, kodwa nazi ezinye zeengcebiso zethu zokwabelana ngeencwadi xa nidibene.**


## Nini?

1. Yabelanani ngamabali xa abantwana bakho bekufumana kulula ukumamela, bezolile, umzekelo emva kwexesha lokuhlamba okanye kanye phambi kokuba balale ebusuku.

2. Abantwana abancinane okanye abantwana abadiniweyo badla ngokukufumana kunzima ukumamela ixesha elide, ngoko ke musa ukufunda ixesha elide.

## Phi?

1. Fumana indawo ezolileyo, ehlalisa kamnandi yokufunda. Zicime iikhompyutha zakho, oomabonwakude kunye noonomathotholo!




## SIBALISELE ELAKHO IBALI

Ingaba iincwadi zibe nafuthe lini kubomi bakho nobabantwana bakho? Ingaba zikuncedile wakwazi ukucacisela umntwana wakho ngemeko ethile enzima kusini na? Okanye ingaba ukufumana elona bali lithabathekisayo kubakhuthazile kusini na abantwana bakho ukuba bafunde kwaze kwanceda nokuphucula ukufunda kwabo esikolweni? Sazise ku-Facebook **(www.facebook.com/nalibaliSA)**, okanye ku-Twitter **(www.twitter.com/nalibaliSA)** usebenzisa i-hashtag engu-**#StoryPower**, ukuze ke sikwazi ukushicilela indlela amabali abe nefuthe ngayo ebomini bakho kuhlelo lukaNal'ibali lokufundela ukuzonwabisa okanye kwiwebhusayithi yethu.

**T**: +27 (21) 448 6000 **E**: info@nalibali.org

www.nalibali.org | www.nalibali.mobi | nalibaliSA | @nalibaliSA | @nalibaliSA



## Njani?



1. Hlalani ngokusondeleleneyo ukuze nikwazi ukubona kakuhle imifanekiso namagama asephepheni.

2. Qala ngokufunda igama lombhali (kunye nelomzobi) ukuze abantwana bakuqonde ukuba iincwadi ezi zenziwe ngabantu abafanayo nje nabo!

3. Funda ngemvakalelo nogxininiso kangangoko unakho – abantwana bakho baya kuyithanda loo ndlela yokufunda!

4. Fumana iindlela zokutsalela umdla wabo ebalini njengokuba ufunda. Umzekelo, babuze ukuba bacinga ukuba yintoni eza kulandela emva kokuba ufunde isenzeko esithile ebalini, xoxani ngomnye wemifanekiso okanye ubacele ukuba bakutyhilele amaphepha xa ufunda.

5. Zikisa ukuqonda kwabo ngokubuza wenjenje, "Ingaba kukukhumbuza ntoni oku?", "Ucinga ukuba uyenzele ntoni le nto?", kunye no-"Wena ubuza kwenza ntoni xa ibinguwe?" Imibuzo efana nale inceda ukudibanisa amabali nobomi babantwana kwaye ibanceda bafumanise nendlela asebenza ngayo amabali.

6. Ukuba abantwana bakho bakucela ukuba ufunde ibali uphindelela ... amaxesha amaninzi, kwenze oko! Kaloku baza kufumanisa izinto ezintsha malunga nebali elo qho xa ubafundela. Njengokuba besiya bewazi ngcono amabali, bameme ukuba bafunde kunye nawe.

7. Xa abantwana bakho bekwazi ukufunda, musa ukuyeka ukubafundela! Khetha iincwadi ezinzima nezintsokothileyo kunezo bakwaziyo ukuzifundela ngokwabo. Xa nifunda iincwadi ezinezahluko kunye, fundani isahluko esinye okanye ezibini yonke imihla okanye ufumane indawo oza kuthi xa uyeka ukufunda ibenze bafune ukuqhubeka bafunde kwakhona ngengomso!



SABC EDUCATION

T: +27 (21) 448 6000 E: info@nalibali.org
www.nalibali.org www.nalibali.mobi nalibaliSA @nalibaliSA @nalibaliSA

